

It starts with a story...

## A reading adventure

Every day, all across South Africa, reading activists like you and Nal'ibali help children to discover the joy of reading. Sometimes the children we share stories with are our own children, but often they are also the children in our classrooms, libraries and reading clubs. And we are part of a wider community of adults across the world who are committed to making sure that our children experience the power of reading!

It takes time and energy to help children establish the habit of reading for enjoyment – it happens as we share books and stories with children again and again. The beginning of a new year is always a good time to think about what reading experiences you want your children to have over the next twelve months.

Reading for enjoyment needs to be an adventure, not a chore! Adventures help us to explore new things and they often involve challenges. Giving children reading challenges encourages them to try out new things that they may not even have thought of. These challenges can help to motivate children, and motivation plays a big part in children's reading lives. Motivation is the thing that makes children want to learn to read in the first place. Then it keeps them reading and turns reading for enjoyment into a healthy habit!

Reading challenges may take us out of our comfort zones for a while, but they also allow us to discover things about ourselves as readers – including what we enjoy reading and what we don't enjoy reading!

So, to help make 2018 a reading adventure for your children, we have created a reading passport (see pages 13 and 14) that encourages them to explore reading and stories! Follow the instructions on page 15 to make the passport and then let the fun begin! We wish you a happy, adventure-filled reading year!

## Amahlandinyuka amnandi okufunda

Yonke imihla, kuwo wonke uMzantsi Afrika, amatshantliziyo okufunda afana nawe kunye noNal'ibalianceda abantwana ukuba bafumanise ulonwabo ekufundeni. Ngamanye amaxesha abantwana esabelana nabo ngamabali ngabantwana bethu ngqo, kodwa kuninzi lwamaxesha ngabantwana abaseziklasini zethu, kumathala eencwadi nakwiiklabhu zokufunda. Ukanti ke siyinxenye yabantu abadala ekuhlaleni ngokubanzi, kwihlabathi jikelele, bantu abo bazinikele ekuqinisekiseni ukuba abantwana bethu bafumana amava kumandla okufunda!

Kuthatha ixesha neenzame ezininzi ukunceda abantwana ukuba bakhulele kwaye bamiliseleke kwisiqhelo sokufundela ukuzonwabisa – oko kwenzeka xa sisabelana nabantwana ngeencwadi namabali kumaxesha ngamaxesha. Ukuqala konyaka omtsha kusoloko kulixesha elilungileyo lokucinga ukuba ngawaphi amava okufunda ofuna ukuba babenawo abantwana bakho kwiinyanga ezilandelayo ezilishumi elinesibini.

Ukufundela ukuzonwabisa kufanele ukuba sisenzo samahlandinyuka amnandi, kungabi ngumsetyenzana wasekhaya wesiqhelo onjengokutshayela nokukhupha inkunkuma! Izenzo zamahlandinyuka amnandi zisinceda ekuzingeleni nasekuphononogeni izinto ezintsha kwaye zikhohisa ukubandakanya imfuneko yokusonjululwa kwemingeni. Ukunika abantwana amathuba okusombulula imingeni yokufunda kubakhuthaza ukuba bazame izinto ezintsha mhlawumbi abangazange bakhe bacinga ngazo ngaphambili. Le mingeni inganceda ekukhuthazeni abantwana, kanti ke inkuthazo inendima ebanzi kakhulu ebomini bokufunda kwabantwana. Inkuthazo ihleli iyiyi kakade into yokuqala eyenza ukuba abantwana bafune ukuziqhelanisa nokufunda. Emva koko ibagcina befunda ize ke iguqule ukufundela ukuzonwabisa kube ngumkhwa osisiqhelo esiphilileyo nesihle ebomini babo!

Imineni yokufunda isenokusikhupha okwethutyana kwiziqhelo zethu ezimnandi nesele ziyinxenye yobomi bethu, kodwa iphinda isivumele ukuba sifumanise izinto ebesingazazi ngeziqo zethu njengabafundi – nto ezo ziquka oko sithanda ukukufunda kwanoko singakuthandiyo ukukufunda!

Ngoko ke, ukuncedisa ekwenzeni owama-2018 ukuba uzale zizenzo zamahlandinyuka amnandi okufunda ebantwaneni, siyile ipasipoti yokufunda (jonga kwiphepha le-13 nele-14) ebakhuthaza ukuba bakhohlolise kwaye baphonononge nzulu ukufunda oku kunye namabali! Landela imiyalelo ekwiphepha le-15 ukuze wenze ipasipoti leyo ze ke emva koko luqalise ulonwabo! Sikunqwenela unyaka wochulumanco, ozele zizenzo zamahlandinyuka amnandi okufunda!



**It's World Read Aloud Day on 1 February 2018!**  
Look out for our special World Read Aloud Day edition of the Nal'ibali Supplement, which will be available in the week of 28 January. For information on how to get involved in Nal'ibali's World Read Aloud Day activities, go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

**LuSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ngomhla we-1 kweyoMdumba kowama-2018!**  
Lindela ushicilelo lwethu olulodwa lohlelo lukaNal'ibali loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, hlelo olo oluya kufumaneka kwiveki yowe-28 kweyoMgungu. Xa ufuna ulwazi oluthe vetshe ngendlela onokuzibandakanya ngayo kwimiseteyenzana kaNal'ibali yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

### INSIDE:

Your 2018 reading passport!  
Turn to pages 13 to 15.

### NGAPHAKATHI:

Eyakho ipasipothi yokufunda yowama-2018! Tyhila kwiphepha le-13 ukuya kwele-15.



Drive your imagination

Join us in taking the power of stories to the next level. Let's go!

Sijoyine ukuze siwenyusele kwinqanaba elilandelayo amandla amabali. Masiye!



It starts with a story...

# I want to be a chef!

By Kgosi Kgosi ✨ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood


In the town of Mahikeng, there lived a young boy named Kabelo. He loved nothing more than cooking. He cooked good food that everyone in his family enjoyed. Kabelo was also good at baking. He baked cakes and bread. He also made soup for homeless people in his community.

One morning at school, Mrs Ramaila, Kabelo's teacher, asked everyone in the class to say what they would like to do after they finish school one day.

A girl stood up. "I would like to be an astronaut and go to space," she said.

"I would like to be a doctor," said one of the boys.

Then Kabelo stood up. "I would like to earn a living by cooking," he said. "I want to be a chef."



All the children were shocked. First they stared at Kabelo and then they all started laughing.

"But cooking is for girls," laughed one of the girls.

Mrs Ramaila told everyone to be quiet. "You can be anything you want to be, Kabelo," she said kindly. "Don't listen to them." But Kabelo's feelings were already hurt.

On the way home from school the other children kept on teasing him.

When he got home, Kabelo found his father washing the dishes while his mother made lunch.

"How was school today?" asked his father.

"Everyone laughed at me when I told them I wanted to be a chef and cook for a living," explained Kabelo. "They said that boys don't cook and that cooking is for girls. They also said real boys play rugby and soccer. But I don't like those things!"

His father hugged him. "Do you know that some of the best chefs in the world are men?"

Kabelo was surprised and said, "Really?"

"Yes!" said his father as he took his cellphone out of his pocket. "Look!" He showed Kabelo pictures of the many chefs around the world who were men. They looked at pictures of all the good food the chefs had cooked and Kabelo started to feel a little better.

"You should enter a cooking competition, Kabelo," his mother said to him. "There is one called *The Young Super Chef* and it is on television."

His father agreed. "Yes," he said, "your cooking is very good. You could win that competition."

And that was how it came about that Kabelo entered *The Young Super Chef* competition.

A few months later, as part of the competition, Kabelo was on television. He found himself amongst other young chefs just like him. Some of them were boys who loved cooking – just like him!

The competition was really tough! The young chefs were asked to cook meals they had never cooked before. They also had to use ingredients they had never heard of before. One by one, they were voted out by the judges. Kabelo saw them cry as they left. He did not want the same thing to happen to him. He concentrated extra hard to make sure that he didn't make any mistakes.

When Kabelo ended up in the final round of the competition, his mother and father were so proud of him! The whole school was watching on television – even the boys and girls who had made fun of him. Kabelo was making his school proud.

Kabelo felt nervous. The competition was nearly over, but there was one person left he had to beat in order to win. The problem was, that young chef was as good as Kabelo was!

The final round started. The two young chefs each had an hour to cook their meal. Fifteen minutes into the round, Kabelo dropped a bowl filled with the mixture for a chicken pie onto the floor. He wasn't allowed to pick the mixture up – that would mean that he would lose the competition. So he had to start all over again. Now it would be a struggle for him to finish in time. Everyone watching was worried, but Kabelo managed to finish his dish just in time.


Then the judges had to taste the food. This would decide who the winner would be! They tasted Kabelo's food and said that they thought it was very good. Then they tasted the food of the other young chef. They thought that was very good too! They left to make a final decision. The audience knew that choosing a winner was going to be difficult.

It was a whole hour before the judges came back with a final decision. The winner was ... Kabelo! His parents were so happy and proud! Their son was *The Young Super Chef* of the year. Kabelo won a trophy and prize money.



The next day Kabelo took his trophy to school and everyone there celebrated with him. Kabelo had shown everyone that boys could be chefs too!

"I'm glad you didn't listen to some of the children when they teased you," said Mrs Ramaila. "You see, I told you, you could be anything you want to be!"




Kwidolophu yaseMahikeng, kwakuhlala inkwenkwana egama linguKabelo. Akukho nto awayeyithanda ngaphezu kokupheka uKabelo. Wayepheka ukutya okumnandi okwakuthandwa ngumntu wonke kusapho lwakhe. UKabelo wayekwayincutshe nasekubhakeni. Wayebhaka iikyeiki nezonka. Kananjalo wayephekela nabantu abangenamakhaya isuphu, kwindawo awayehlala kuyo.

Ngenye intsasa esikolweni, uNkosikazi Ramaila, ongutitshala kaKabelo, wacela wonke umntu eklasini ukuba axele ukuba xa egqibile esikolweni ngenye imini unqwenela ukwenza ntoni na.

Yashukuma intombazana. “Ndingqwenela ukuba ngusomajukujuku ukuze ndiye emajukujukwini ngesiphepheke,” yatsho le ntombazana.

“Ndingqwenela ukuba ngugqirha,” yatsho enye inkwenkwe.

UKabelo waphakama ke naye emva koko. “Mna ndinqwenela ukuziphilisa ngokupheka,” watsho. “Ndifuna ukuba yincutshe yompheki.”



Kwabothusa bonke abantwana oku. Baqala ngokumjonga ntsho-o uKabelo bemangalisiwe, baze bonke bamwa ngentsini.

“Kodwa ukupheka ngumsebenzi wamantombazana nje,” yahleka isitsho enye intombazana.

UNkosikazi Ramaila wayalela wonke umntu ukuba athule, abambe ucwangco. “Ungayiyi nantoni na ofuna ukuba yiyo, Kabelo,” watsho ngobubele. “Ungayimameli le ntshwaqane bayithethayo.” Kodwa uKabelo wayesele ekhathazekile.

Endleleni egodukayo evela esikolweni abanye abantwana baqhubeka ngokumqhwaya, bemchwikisha.

Akufika ekhaya, uKabelo wabona utata wakhe ehlamba izitya lo gama umama wakhe elungisa isidlo sasemini.

“Bekunjani esikolweni namhlanje?” kwabuza utata wakhe.

“Ndihleke nguye wonke umntu xa bendibaxelela ukuba ndifuna ukuba yincutshe yompheki ukuze ndiziphilise ngokupheka,” wachaza njalo uKabelo. “Bebesithi asingomsebenzi wamakhwenkwe ukupheka, ngumsebenzi wamantombazana. Baphinda bathi amakhwenkwe enene adlala ibhola yombhoxo nesoka. Kodwa mna andizithandi ezo zinto!”

Utata wakhe wamanga. “Ubusazi ukuba abanye babapheki ababalaseleyo ehlabathini ngamadoda?”

UKabelo kwamangalisa oku waza wabuza wathi, “Ngenene?”

“Ewe!” watsho utata wakhe ekhupha iselula yakhe epokothweni. “Jonga!” Ubonise uKabelo imifanekiso yabapheki abaninzi abangamadoda ehlabathini. Babuka imifanekiso yazo zonke iintlobo zokutya okuhle okuphekwe ngabapheki abangamadoda waze ke uKabelo waqala waziva ebhetele noko.

“Ufanele ukungenela ukhuphiswano lokupheka, Kabelo,” watsho umama wakhe kuye. “Kukho olunye olubizwa ngokuba lukhuphiswano *IweeNcutshe zabaPheki abaseLula* kwaye luphuma rhoqo apha kumabonwakude.”

Wangqina naye utata wakhe. “Ewe,” watsho, “upheka kakuhle kakhulu. Ungagqwesa koluya khuphiswano.”

Kwenzeka ngolo hlobo ke ukuze uKabelo angenele ukhuphiswano *IweeNcutshe zabaPheki abaseLula*.

Emva kweenyangana ezimbalwa, njengenxenywe yokhuphiswano, uKabelo wavela kumabonwakude. Wazifumana ephakathi kwabanye abapheki abaselula njengaye. Abanye kubo yayingamakhwenkwe akuthandayo ukupheka – njengaye kanye!

Ukhuphiswano olu lwalunzima ngenene! Abapheki abaselula bacelwa ukuba bapheke izidlo abangazange bakhe bazipheka ngaphambili. Kananjalo kwakufuneka ukuba basebenzise izithako abangazange beva ngazo ngaphambili. Ngabanye-ngabanye, bafa namthanyana kuba bavotelwa ngaphandle ziijaji zokhuphiswano. UKabelo wayebajongile, bekhala ngethuba behamba. Wayengafuni ukuba kwenzeka kuye oko. Wazikisa ingqondo nangakumbi kwinto ayenzayo ukuze angenzi nanye impazamo.

Akuba engenile uKabelo kumjikelo wokugqibela wokhuphiswano, umama notata wakhe babaneqhayiya nangakumbi ngaye! Isikolo sonke sasimbukele kumabonwakude – nkqu namakhwenkwe namantombazana ayehlekisa ngaye kuqala. UKabelo wasenza isikolo sakhe ukuba sizingce ngaye.

UKabelo waziva enexhala. Ukhuphiswano lwalusondela esiphelweni, kodwa kwakusele umntu omnye kuphela awayefanele ukumoyisa ukuze agqwese. Ingxaki yayikukuba, loo mpheki mncinane naye wayelichule kanye njengoKabelo lo!

Waqalisa ke umjikelo wokugqibela. Ingulowo kubapheki abaselula ababini eneyure nje enye yokupheka isidlo sakhe. Kwathi xa kuphakathi kwimizuzu elishumi elinesihlanu yokuqala kulo mijikelo, quba, uKabelo wachitha isitya sonke esinomxube wokwenza ipayi enesongo senkukhu. Zange avunyelwe ukuba awubuthe loo mxube – loo nto yayiza kuthetha ukuba woyisiwe kukhuphiswano. Ngoko ke kwanyanzeleka ukuba aqale phantsi kwakhona. Ngoko kwakuza kuba nzima kakhulu kuye ukuba agqibe ngexesha. Wonke umntu owayebukele uKabelo wayenexhala, kodwa uKabelo wakwazi ukugqiba ukusipheka isidlo sakhe ngexesha elifanelekileyo.

Emva koko iijaji kwafuneka ukuba zingcamle ukutya oko kwabo. Oku kwakuza kuthathelwa kuko isigqibo malunga nokuba ngubani na kanye ogqwesileyo! Zakungcamla ke ukutya kukaKabelo zaze zavumelana ngokuthi zicinga ukuba kumnandi kakhulu. Emva koko ke zangcamla ukutya komnye umpheki omncinane lo. Zathi zicinga ukuba nako oku kwakhe ukutya kumnandi kakhulu! Zalisa ke nokuthi zithathe isigqibo sokugqibela, sokuba ngubani na kanye oya kuphumelela. Ababukeli babesazi ukuba ukukhetha ogqwesileyo kwesi sibini kuza kuba nzima.



Kwaphela iyure yonke phambi kokuba iijaji zibuye nesigqibo sokugqibela. Ogqwesileyo yayingu ... Kabelo! Abazali bakhe bavuya futhi baneqhayiya kakhulu yile mpumelelo yakhe! Unyana wabo wayeyintshatsheli yonyaka kukhuphiswano *IweeNcutshe zabaPheki abaseLula*. UKabelo waphumelela indebe kunye nebhaso lemali.

Ngemini elandelayo uKabelo waya nendebhe yakhe esikolweni waze wonke umntu wavuyisana naye. UKabelo wayebabonise bonke abantu ukuba namakhwenkwe angabaziincutshe zabapheki nawo!

“Ndiyavuya ungazange ubamamele abanye babantwana ababekuchwika, bekunxwala,” watsho uNkosikazi Ramaila. “Uyabona ke, ndakuxelela, ungaba yiyo nantoni na ofuna ukuba yiyo!”



# Get story active!

Here are some ideas for using the Story Corner story, *I want to be a chef!* (page 2), as well as the two cut-out-and-keep picture books, *Six blind mice and an elephant* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *Fruit salad* (pages 9 and 10). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.



# Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso ngokusebenzisa ibali leNdawo yamabali, uNdifuna ukuba yincutshe yompheki! (okwiphepha le-3), ngokunjalo neencwadi zemifanekiso ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, ulimfama ezintandathu zeempuku kunye nendlovu (okwiphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12) kwakunye nolsaladi yeziqhamo (okwiphepha le-9 nele-10). Khetha imbono ezihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

## I want to be a chef!

When Kabelo tells the other children in his class that he wants to be a chef when he grows up, they laugh at him and tease him saying that cooking is only for girls. Then Kabelo enters a cooking competition on TV and gets through to the finals! Will this make the children in his class change their minds?



- ★ Discuss the following question with your children: Do you think there are some jobs that should only be done by men and some that should only be done by women? Why?
- ★ Kabelo wants to be a chef when he leaves school. Ask your children what they want to be one day. Then encourage them to draw a picture of themselves that shows what they imagine their lives will be like when they are adults.

## Ndifuna ukuba yincutshe yompheki!

Uthi xa uKabelo exelela abanye abantwana eklasini yakhe ukuba unqwenela ukuba ngumpheki xa sele emdala, bamhleke, bamchukushe bemnxwala ngelithi ukupheka ngumsebenzi wamantombazana kuphela. Emva koko uKabelo ungenela ukhuphiswano lokupheka olukhutshwa kumabonwakude aze afikelele kumagqibela kankqoyi kulo! Ingaba oku kuza kwenza abantwana beklasi yakhe ukuba bazitshintshe iingcinga zabo ngokupheka?

- ★ Xoxani ngalo mbuzo ulandelayo kunye nabantwana bakho: Ucinga ukuba ikhona eminye imisebenzi efanele ukwenziwa ngamadoda kuphela kwaneminye efanele ukwenziwa ngamabhinqa kuphela? Kutheni?
- ★ UKabelo ufuna ukuba yincutshe yompheki xa egqibile esikolweni. Buza abantwana bakho ukuba bafuna ukuba yintoni na ngenye imini. Emva koko ke bakhuthaze ukuba bazobe umfanekiso weziqhubo zabo obonisa oko bacingela ukuba ubomi babo buya kuba kuko bakuba bebadala.

## Six blind mice and an elephant

An elephant wanders into a barn and falls asleep. Six blind mice come out of their mouse-hole to investigate this most unusual creature. They come up with six very different ideas as they explore what an elephant's body is like.



- ★ As you read the story:
  - ☉ talk about the details in the pictures together.
  - ☉ ask your children to suggest why the mice thought that the different parts of the elephant's body were like a wall, a spear, a fan, a snake, a tree and a rope.
- ★ After you have read the story, encourage your children to draw their own pictures of the six blind mice exploring the elephant's body while he sleeps.
- ★ Play a game with your children in which they use only their sense of touch to describe and name objects. Without letting your children see what you're doing, put some objects into a pillowcase or shopping bag. Now let the children take turns to close their eyes and take an object out. Let them keep their eyes closed as they feel the object, describe it and then try to guess what it is.

## Iimfama ezintandathu zeempuku kunye nendlovu

Indlovu ethile izuluzula eshedini, ize ibiwe bubuthongo, ilale cum. Kuza iimpuku ezizimfama ezintandathu, ziphuma emngxunyeni wazo weempuku ukuza kuphanda ngesi sidalwa singaqhelekanga olu hlobo. Ziphakamisa izimvo ezintandathu ezahluke mpela lo gama ziphanda ngokuba unjani na kanye umzimba wendlovu.

- ★ Lo gama nilifundayo ibali:
  - ☉ ncokolani kunye ngeenkukacha ezisemifanekisweni.
  - ☉ cela abantwana bakho ukuba banike izizathu zokuba kwakutheni ukuze iimpuku zicinge ukuba amalungu ahlukileyo omzimba wendlovu afana nodonga, nomkhonto, nephikwana lomoya, nenyoka, nomthi kunye nentambo.
- ★ Emva kokuba nifunde ibali, khuthaza abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso yabo engeempuku ezizimfama ezintandathu xa zihlola umzimba wendlovu eleleyo.
- ★ Dlala umdlalo kunye nabantwana bakho apho basebenzisa khona isivamvo sokuchukumisa kuphela ukuchaza nokuthiya izinto amagama. Ungababonisa abantwana bakho ukuba wenza ntoni na, faka izinto ezithile kwipilo yomqamelo okanye kwiplastiki yegrosari. Ngoku ke vumela abantwana bakho ukuba banikane amathuba okuvala amehlo lo gama bekhupha okuthile esingxotyeni. Bayalele ukuba, besawavaliile njalo amehlo, mabeve into nganye ngokuyiphatha-phatha, bayichaze isimo sayo ze bazame ukuqashisela ukuba ingaba iyintoni na.

## Fruit salad

This little book names some of the fruits that are enjoyed by children from different parts of Africa – from Egypt to South Africa. Younger children will enjoy this book, but you can use it with older children too. Suggest that they read it in their mother-tongue first and then in the other language of the supplement. They can also read it to each other and to younger children who they know.



- ★ After you have read the book together, discuss which of the fruits your children have tasted before, and also which ones they liked.
- ★ Find some fruit and make a fruit salad together – then enjoy eating it! Encourage your children to write a recipe for your fruit salad.
- ★ Suggest that your children make their own books about fruit by drawing pictures of their favourite types of fruit and then writing a description of the fruit next to each picture. Encourage them to think of words to describe the colour and shape of each fruit, as well as what it is like on the outside and inside.

## Isaladi yeziqhamo

Le ncwadana inika amagama ezinye zeziqhamo ezithandwa kakhulu ngabantwana abavela kwiindawo ezahlukeneyo zaseAfrika – ukususela eJiphethe ukuya eMzantsi Afrika. Abantwana abancinane baya kuyithanda le ncwadi, kodwa ungayisebenzisa nasebantwaneni abadadlana. Bacebise ukuba baqale ngokuyifunda ngolwimi lwabo lweenkobe bandule ke emva koko ukusebenzisa olunye ulwimi olukuhlelo. Kanti banakho nokufundelana bebedwa okanye bafundele nabantwana abancinane kubo, ababaziyo.

- ★ Emva kokuyifunda kunye incwadi, xoxani ngokuba zeziphi iziqhamo kwezi abakhe bazingcamla abantwana bakho ngaphambili, nokuthi zeziphi abazithandileyo.
- ★ Khangelani ezinye zezi ziqhamo ukuze nenze isaladi yeziqhamo nikunye – emva koko yonwabelani ukutya loo salad! Khuthaza abantwana bakho ukuba babhale iresiphi yesaladi yeziqhamo yakho.
- ★ Cebisa abantwana bakho ukuba benze ezabo iincwadi ezingeziqhamo ngokuzoba imifanekiso yezona ntlobo bazithandayo zeziqhamo baze babhale inkcaza emfutshane ngesiqhamo eso ecaleni komfanekiso ngamnye. Bakhuthaze ukuba bacinge ngamagama okuchaza umbala kunye nemilo yesiqhamo ngasinye, futhi nokuba sinjani na ngaphandle nangaphakathi.


## Create TWO cut-out-and-keep books

### Fruit salad

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

### Six blind mice and an elephant

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



## Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

### Isaladi yeziqhamo

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

### Iimfama ezintandathu zeempuku kunye nendlovu


1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

The third mouse, who was busy exploring the elephant's ear, piped up.  
"That's really silly! It is all too clear to see that an elephant is like a - **fan!**"




Impuku yesithathu, eyayixakeke ihloha indlebe yendlovu, yenyuka ngombhoyana.  
"Yhu iyahlkisa le nto niyithethayo! Kucacile nje ukuba indlovu le ifana - **nphikwana lomoya!**"

Suddenly, the elephant stood up and scratched his ear with such gusto that some of the mice let go of him while others held on for dear life.



Ngephanyazo, yasuka yashukuma indlovu, yonwaya indlebe yayo ngesivunduvundu esikhulu, zade zasuka kuyo ezinye impuku kodwa ezinye zatshela zisindisa ubomi bazo.



**Imfama ezintandathu zeempuku kunye nendlovu**



**Six blind mice and an elephant**

*Jude Daly*

**I was lucky enough to have my imagination enlivened and enriched**

by stories as a child. Stories that flew out of books and into my play helping me to make some sense of my world. This simple story encourages us to step back and draw on all our senses to piece together the BIG picture. So let's play, I'll be the oldest blind mouse. Who would you like to be?  
- Jude Daly

Courtesy of Otter-Barry Books(UK) and Tafelberg (an imprint of NB Publishers)



NBPublishers



NBPublishers



nb\_bookstagram

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

“Because it is not,” squeaked the second mouse, as she scuttled up and down the elephant’s smooth, sharp tusk. “An elephant is actually like a – **spear!**”



“Kungenxa yokuba ayilodonga,” yatswina impuku eligudileyo, nchitsolo. “Indlovu enyanisweni ifana – **nomkhonto!**”

Ngenye imini eyayishushu, ilanga likhuph’intlazi emanzini, indlovu eyayisozela yabhadula yaphuma ehlathini, yaya kwishedi yomlimi othile. Le ndlovu yajojaja-jojaja ijika-jika, yaza yazenzela ibhedi emfumamfuma apho, yazamla ngokwaneliseka, yaze yabiwa bubuthongo, yalala yoyi.

Umlimi lo wayesoloko efuna ukubona indlovu yokwenene. Wakhweba inkosikazi yakhe nabantwana, ngolungathethekiyo uvuyo baze bonke babaleka besiya kujonga.

One hot, hot day, a sleepy elephant wandered out of the forest and into a farmer’s barn. He sniffed around, made himself a cosy bed, sighed contentedly and fell asleep.

The farmer had always wanted to see a real elephant. He beckoned excitedly to his wife and children and they all ran out to look.



“A fan, what nonsense!” he squealed. “This creature is very like a – **snake!**”

The fourth blind mouse managed to cling on to the elephant’s trunk as it twisted this way and that.

Impuku eyimfama yesine yakwazi ukubambela embokweni wendllovu lo gama iwubhijabhisayo ukuya ngapha nangaphaya.

“Iphikwana lomoya lantoni, dubuvuvu bonke obo!” yatswina le mpuku. “Esi sidalwa sifana ngwa – **nenyoka!**”



So the six blind mice tiptoed out of the barn. Then they scampered back to their nest, squeaking and squealing with satisfaction at having seen for themselves the wonder of an elephant.


“A snake?” squeaked the fifth mouse, as he scuttled around a knotty knee. “How ridiculous! Why, even the blindest mouse could tell you that an elephant is like a – **tree!**”

“Inyoka?” yatswina isitsho impuku yesihlanu, lo gama ibaleka, ijika-ijika edolweni elimaqhina-qhina. “Anisandihlekisi nje! Mina nditsho, nkqu neyona mpuku imfameke kakhulu ingakuxela ukuba indlovu ifana – **nomthi!**”



